

ITSHATHA YONIKEZELO LWEENKONZO

ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho lizimisele ukukubonelela ngeenkonz o ngokweTshatha yeeNkonzo. Masilwenze lubengcono unikezelo lweenkonzo sikunye.

UMBONO WETHU

UMbono weSebe ngowokuba iNtshona Koloni ikuphumelele ukukhula kwezoqoqosho, ibe noqoqosho oluzinzileyo, olomeleleyo, nolunokwahlukana - oluvelisa ukuzithemba, ithemba namathuba okuphumelela.

UMQOPHISO WETHU

Kukuba yinkokheli kwezoqoqosho, umpembeleli nokuba ngumenzigalelo ekuqhubeleni ukukhula koqoqosho ukwenzela imisebenzi, okwenza ukuba amashishini aphumelele eNtshona Koloni.



UXANDUVA LWETHU KUWE

- Siza kuziphendula zonke ii-imeyili zethu kwiiveki ezingama-48.
- Umnxeba ongenayo siza kuwuphendula ungadanga ukhale ka-3
- Ukuba uye wasibhalela, siya kukwazisa ukuba siyifumene ileta yakho zingadlulanga iintsuku ezi-3. Siza kuthumela impendulo kwiintsuku ezi-7 zomsebenzi. Ukuba asikwazi ukunika impendulo kwiintsuku ezi-7 zomsebenzi siza kukucacisela ukuba kutheni size sikuxelele ukuba ungayilindela nini impendulo.
- Sakuba sifikile kuthi isicelo sakho, siya kusinika ingqwalasela enobulungisa ngokweenkukacha esizifumeneyo. Siya kukunika ulwazi olupheleleyo, onokulusebenzisa kunye nengxelo efanelekileyo.
- Zonke izikhhalazo kunye neembalelwano ezimalunga uMphathiswa wezoLimo, uPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho ezenziwa ngabaxumi ziza kuphendulwa ngendlela efanelekileyo kwiiveki e-1 zifunyenwe.

UXANDUVA LWAKHO KUTHI

- **Silindele oku kuwe:**
- Ube nembeko, uqaphele kwaye uhloniphe amagosa akuncedayo.
- Unyaniseke xa unengxoxo nathi.
- Ufake iinkukacha ezipheleleyo nezichanekileyo ziphelelewe ziikopi ezisanda kuqinisekiswa zamaxwebhu ayimfuneko.
- Ufumane kwaye ukulungele ukuzimasa iinkqubo zokuxhotyiswa ekuvunyelweni ngazo.
- Uqalise ukusebenzisa nokuzalisekisa izicwangciso, amanyathelo kunye neengcebiso ozifumene kwiSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho.

Ukusebenza kwethu kuza kuhlolwa kuze kunikwe ingxelo kwiNgcxelo yoNyaka nakwiNgcxelo yaBemi eya kupapashwa kwaye ifakwe kwiwebhusayithi yethu.

SIKUXABISILE UKUFUMANEKA KWETHU LULA

- Yiyo loo nto izakhiwo zethu zifikelelwa nangabantu abanokhubazeko.
- Siya kuzama ukunikezela ngeenkonz o zethu apho kunokwenzeka khona, ngazo zo-3 iilwimi ezisemthethweni zaseNtshona Koloni.
- Iiyure zokusebenza: 07:30 – 16:00



SITHEMBISA OKU:

Sizibophelele ekulandeleni indlela ecwangcisiweyo yobonelelo lweenkonzo zikarhulumente nezophuhliso loqoqosho ukwandisa uluntu. Ekuphumezeni isigunyaziso noxanduva lwethu, siza kukhokelwa kwaye sithobele iMithethosiseko esibhozo yeBATHO PELE (Abantu Kuba). Sizibophelele ekuboneleleni ngeenkonz o zethu ngokusekelwe kwiintselungeko zethu ezizezi, ukuKhathala, uBuchule uXanduva, iNtembeko, ukuSungul' izinto nokuPhendula ukuze ukhusela nokukhuthaza amalungelo akho kunye nokwandisa amathuba okufumana iziphumo ezingcono zonikezelo lweenkonzo UKWENZELA WENA.

ISIBHAMBATHISO SEGUNYA ELILAWULAYO:
Mna, Ivan Meyer, yidibophelela iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho ngokweMigqo yehhulumente, 2016, iSahluko 3, iCandelo 3, 36 (f) no-37 ukuba liyithobelele i tshata ngokunjalo notyikityo olulapha ngezantsi. 36 (f) no-37 ukuba liyithobelele i tshata.

Ivan Meyer 28/03/2025
UGqir. Ivan Meyer, uMphathiswa wezoLimo, uPhuhliso lweJoQoqosho noKhenketho

IINKONZO ZETHU

ULawulo:
Ukubonelela ngobunkokheli, ulawulo oluncubuchinga bokusebenza ngokuhambelana nomthetho, imigaqo, nemigaqonkqubo nokuqinisekisa ngenkqubo yenkxaso efanelekileyo kuzo zonke ezinye iinkqubo.

IINKonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho eziHlangeneyo:
Ukukhuthaza nokuxhasa uphuhliso lwezoqoqosho ngokwabelwana ngokus-ebenzisana.

UPhuhliso lwezoRhwebo neCandelo:
Ukukhuthaza ukukhula lwezoqoqosho ngophuhliso loqoqosho, umhwebho nangokukhuthaza utyalomali.

UKhenketho, uBugcisa noLonwabo:
Ukunceda uzalisekiso lweqhinga lezokhenketho oluhlanganisiweyo eliza kukhokelela ekuqhubeleni nasekwenzeni imisebenzi ezinzileyo kushishino lwezokhenketho.

UCwangciso lwezoQoqosho:
Ukuphuhlisa imigaqonkqubo yezoqoqosho namaqhinga okusebenza ukuphumeza nokulinganisa uphuhliso lwezoqoqosho oluzinzileyo.

UPhuhliso lwezakhono nokwenz' okutsha:
Ukukhuthaza ukuphuhlisa kwezakhono zaBantu bokuSebenza nezakhono zokwenz' okutsha ukuze kuhanjiswe imifuno eziphathelele noPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi baseNtshona Koloni.

AMALUNGelo WABO BANCEDWAYO

Ninala malungelo alandelayo ngokwemithetho-siseko yeBatho Pele:

- Kukuniphatha ngembeko nangentlonipho ngeyona ndlela inesidima ngawo onke amaxesha
- Kuza kucetyiswa nani malunga nezidingo zeenkonz o zenu kuquka umgangatho nobulunga beenkonzo enibulindleleyo.
- Ukufumana ulwazi neenkukacha ezipheleleyo xa uzicela.
- Ukufikelela ngokulinganayo nabanye kwiinkonz o ezisemgangathweni ezibonelelwaye ngokwemgangatho yonikezelo lweenkonzo.
- Ukuncedwa ze kucelwe uxolo xa ungancedwanga ngokupheleleyo.

INKQUBO YETHU YOKULUNGISA IZINTO

- Ukuba unesikhalazo nceda sixelele. Siza kuxolisa kwaye silungise izinto ngoko nangoko. Ukuba awanelisekanga, siya kuyiphanda nangakumbi ingxaki leyo ze siphendule zingadlulanga iintsuku ezi-7 zokusebenza.
- Ukuba asikwazi ukuyilungisa ngomnxeba nangokukhawuleza ingxaki yakho, siza kuthumela isikhhalazo sakho kumsebenzi ochaphazelekayo, ze sikuxelele ukuba impendulo iza kufumaneka nini.
- Uyacelwa ukuba uthumele iingcebiso, izincom, nezigxeko ngendlela eyakhayo okanye iziphakamiso ezinokusindeda siwenze ngcono umsebenzi wethu okanye siphucule umgangatho wethu kule dilisi: **kwiOfisi yeNtloko yeSebe Umnxeba, Imeyili: dedat.hodoffice@westerncape.gov.za**